# Uhambo olunomdla lukaSive

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Jonga lo mfanekiso olandelayo. Ubona ntoni?
2. Wakhe wazibona ezi zilwanyana?




EXTRACT PAGES

Le yiglowubhu ebonisa umhlaba wonke. Onke amazwe alapha emhlabeni alapha. Makhe siqwalasele lombono. Ezinye indawo zibanda kakhulu kunezinye. Zeziphi ezo ndawo?

Zintoni ezi ziboniswa kule glowubhu?

Lo nguSive, uhlala KwiPhondo lase Freyistati. Kuyabanda apha ngakumbi ebusuku. USive wonwabile uyahleka, kaloku yena akagodoli. Unxibe iimpahla ezifudumeleyo ezimkhusela engqeleni.




EXTRACT PAGES

USive uhlala kweliphi iPhondo?




EXTRACT PAGES

Abantwana balapha badlala emkhenkceni. Bakhulela kuwo yaye bayakwazi ukutshibiliza emkhenkceni. Bafundiswa ngabazali babo bese bancinane ukuze bakwazi ukudlala kuwo, bakwazi nokuziyela esikolweni.

Chonga igama eliphindaphindiweyo kulo mhlathi.



EXTRACT PAGES

USive namhlanje uhambe waya kutsho ezintabeni. Apho kubanda kakhulu khona. Ufike wabona idada laselwandle. Ubulisile, wabuza,"uhlala apha wena dada?" Liphendule idada lathi, "ewe Sive, ndihlala apha. Likhaya lam eli."

Uthini umbuzo kaSive kwidada? Idada lona liphendule lathini?



EXTRACT PAGES

USive ufike wonwaba apha ezintabeni. Uhlangene nezinto angazange azibone. Khangela! Nantso inqwelomoya ibhabha phezu kwakhe. Nalo iBhere limjongile, limangalisiwe. Liyazibuza! Ingaba uvela phi bethu lo mntu?

Ukuba ibinguwe ngowawonwabe njengoSive?




EXTRACT PAGES

USive ufumene abanye abahlobo. Maninzi amadada aselwandle apha. Ngoku uwabukele ngomdla njengoko ehamba elandelelana ebhukubhukuleka.

Ucinga ukuba kukuthini ukubhukubhukuleka? Jonga intsingiselo kwisichazi-magama.




EXTRACT PAGES

USive no-Anna, bangabahlobo abatsha. Bahlala apha kwilizwe lomkhenkce. Bahamba bencokola. "Ikwakhona nemithi apha?" Wabuza uSive emangalisiwe.

Xela igama lomhlobo omtsha kaSive?



EXTRACT PAGES

Bahambe bada baya kufika endlini. Bafike begodola kakhulu. Bafike utata ebase imbawula eshushu. Bahlala phantsi botha. Uvakele uAnna esithi, "Yhuu siphantse safa yingqele!"

Xela ukuba bafike benza ntoni ekhaya?

Nanko uSive enyuka iintaba. Ufike enkcochoyini kukho ibhodi ethi, Alaska. Wahlala phantsi wacinga. Kuhlala bani kule ndawo ibanda kangaka?



EXTRACT PAGES

Igama elithi 'inkcochoyi' libhekisa kwindawo enjani?




EXTRACT PAGES

Uphakamise amehlo wabona izihlangu zokutyibiliza. Uzithathile wazinxiba. Nanko etyibiliza esihla intaba. Uncumo awaye nalo. Wayebobotheka.

Chaza indlela ewayeziva ngayo uSive?



EXTRACT PAGES

Ufike ikhephu lisiwa ngamandla emazantsi eentaba. Wayengakwazi nokubona indlela le. Wema wacinga, amehlo ewakhuphe onke entloko. Waye esoyika ukwenzakala nokulahleka kwelo liqhwa.

USive ebefanele ukuba kule ndawo yedwa? Xhasa impendulo yakho.



EXTRACT PAGES

Ekugqibeleni ndide ndafika ekhaya. Bendisoyika kodwa ndilonwabele kwaye ndiluthandile uhambo lwam.

Isiphumo sohambo lukaSive kwalunjani?